**KWAZULU-NATAL PROVINCE**

**HUMAN SETTLEMENTS**
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# ISEBE LOKUHLALISWA KOLUNTU KWIPHONDO LAKWAZULU-NATALA

*Isaziso esenziwa ngokuyalela*
*kweSahluko 15*
*soMthetho oKhuthaza ukuFikeleleka kweNgcombolo, 2000*
*(uMthetho 2 wama-2000)*

**AMACANDELO EENGXELO EZIFUMANEKA NGAPHANDLE KOKUFAKWA KWESICELO**

Ezi ngxelo zilandelayo ziyafumaneka yaye akufuneki ukuba umceli afake isicelo esixelwa yiPAIA ukuze azifumane. Noxa kunjalo, ngaphambi kokuba zidalulwe ezi ngxelo kufuneka iGosa leNgcombolo liqale likuphononononge ukudalulwa kwazo ngokuyalela kwesahluko 15(4) sePAIA.

Ezi ngxelo zifumaneka simahla kwi-*website* yeSebe lokuHlaliswa koLuntu laKwaZulu-Natala ethi (www.kzndhs.gov.za).

Abahlali abangakwaziyo ukufikelela kule *website* bayakhuthazwa ukuba banxibelelane neGosa leNgcombolo okanye iSekela leGosa leNgcombolo ukuze babonisane ngokuzivelisa okanye ukuziphendla iingxelo ezo zifunwayo ezikweli candelo.

Amacandelo eengxelo ezifumaneka ngaphandle kokufakwa kwesicelo:

(1) Ubume bezikhundla zeSebe;
(2) Iinkcukacha zoqhagamshelwano zesebe; ezeOfisi yoMphathiswa wePhondo (uMEC)
(3) Amaxwebhu ocwangciso olunobuchule nanxulumene nawo (Iingxelo zonyaka, Izicwangciso zokuphucul'ukusebenza kunye neengxelo zokusebenza)
(4) Iinkonzo ezinikiweyo (kuquka iinkcukacha malunga nohlobo nendlela yokulungela ukufumana inkxaso karhulumente yezindlu)
(5) Iinkcukacha ezinxulumene neenkqubo kunye neeprojekthi zezindlu
(6) Ingxelo yobumfihlo
(7) Ingcombolo yezi zinto (Imithetho, Imigaqo-nkqubo, Iimanuwali, Izikhokelo kunye nezigwebo zenkundla)
(8) Ingcombolo yegumbi leendaba (Iintetho, Iincwadana ezinengcombolo, Amanqaku eendaba kunye nezithuba zengqesho)
(9) Iziniki-maxabiso (Uthelekelelo-maxabiso kunye neentengiso)

Mnu M O S Zungu
Igosa leNgcombolo
Umhla: